Sika apha, uligobe uze uligcine

IKHADI LEBHAYIBHILE 11

UYOSEFU

IMIBUZO

A. Vala izikhewu. Abantakwabo Yosefu babembiza ngokuba ‘ngulaa ____,’ baza bamthengisa ebukhobokeni ngamaqhosha esilivere angama-__.

B. Xa wayehendwa ngumfazi kaPotifare ukuba alale naye, uYosefu waphendula ngokungqalileyo wathi, “Ndingathini ukwenza obu bubi bukhulu kangaka ndize . . . ”?

C. Kwakutheni ukuze uFaro enze uYosefu abe ngowesibini ngobukhulu ebukumkanini baseYiputa?

98 C.E.

Kuhlelwa incwadi yeBhayibhile yokuqibela

1 C.E.

Wayephila malunga neminyaka yee-1700 B.C.E.

4026 B.C.E.

UAdam uyadalwa

UYOSEFU

IMBALI YAKHE Wayelizibulo likaYakobi noRakeli. (Genesis 35:24) Abantakwabo ababenomona bamthengisa eYiputa njengekhoboka, apho wachitha iminyaka eli-13 elikhoboka okanye esentolongweni. Kunokuba aziphindezele, uYosefu wabaxolela abantakwabo ababeguqukile. (Genesis 50:15-21) Nakubeni wayekude nekhaya, uYosefu wamhlonela uYehova waza wahlala enyulu, esebenza nzima yaye ethembekile.—Genesis 39:1-23.

IIMPENDULO

A. Mphuphi, 20.—Genesis 37:19, 28.

B. “. . eneneni ndone kuThixo?”—Genesis 39:9.

C. Wayesazi ukuba umoya kaThixo wawumenze waba sisilumko nengqondi uYosefu.—Genesis 41:38-41.

www.jw.org © 2011 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania